

Ucwawgciso Sifundo Yesine Isondlo

IZIPHUMO EZIMANDUNDU

CO#1: Alatha ucombulule iingxaki apho iimpendulo zibonakalisaukuba kwenziwe izigqibo ezithembekileyo ngosebenziso ngqiqo ikhwenkcayo nenesiphiwo sokuyila.

CO#3: Zilungiselele, uzilawule nokukwenzayo kakuhle nangokuthembekileyo.

IZIPHUMO ZEMFUNDO

LO#2: Umfundi uza kukwazi, abenakho ukuqonda nokusebenzisa ulwazi lwenzululwazi, olwenkcubekho, nolwemimmandla.

Ubuchule benkqubo:

- Inkcazo lwazi lonzululwazi.
- Ubhalo phantsi lolwazi.
- Uqondiso lwazi.

AMABANGA OXABISO

- Uqhube uphengululo waza waqokelela nolwazi.
- Wenza uxabiso lwazi achaze akufumanisileyo.

UKUFUNDISA KWESIFUNDO

Zikhumbuze nabafundi izigama: islo esitya inyama, esitya inyama notyani nesitya utyani.


Cacisa ngeentlobo ezahlukeneyo zamazinyo uxela nemisebenzi yawo eyahlukeneyo, ngokusebenzisa umfanekiso wamazinyo olebhelweyo ofumaneka kwiphepha elilandelayo.

- Imihlathi -iyaguba
- Amabamba -ayakrazula/ayagqobhoza
- Amaluma -ayasika

Mema abafundi bajonge imifanekiso yeentlobo-ngeentlobo zookhakhayi njengokubonakaliswe kwicwecwe lookhakhayi. Unokuzama ukubanabo ookhakhayi bokwenyani (ungazama ukubaboleka kwidyunesithi okanye iziko lwezengcali [museum] ekufuphi nawe). Mema abafundi ukuba bajonge amazinyo baqikelele isityo seso silo ngeyantlukwano yokubonakalayo ngendlela ayiyo amazinyo. Umzekelo ngowokuba babona amabamba na? Mema abafundi benze uqelaniso lwamazinyo ngokwabakubonileyo, benika izizathu ngoqelaniso olo. Bavumele imizuzu eli 10 - 15. (mema abafundi babhale phantsi iimpendulo zabo kwicwecwe lezenzo, khangela umzekelo kwiphepha 33.)

Nika abafundi lemizekelo ilandelayo yamazinyo yezilo ezitya utyani, ezitya inyama nezitya inyama notyani ubvumele abafundi ukuba bahlahlele ngokutsha besebenzisa ulwazi olutsha. Njengeklasi, khangela ukuba banganakho ukuza neengcinga zokuba ookhakhayi aba ngabeziphi izilo, bebhala uluhlu lwezi zilo ebhodini.





IMIZEKELO YAMAZINYO

IZILO EZITYAINYAMA

Amaluma ama 3, ibamba eli 1, amazinyo aphambi kwemihlathi ama 4, imihlathi emi 2 kwicala ngalinye lomhlathi ongaphezulu

Amaluma ama 3, ibamba eli 1, amazinyo aphambi kwemihlathi ama 4, imihlathi emi 2 kwicala ngalinye lomhlathi ongezantsi.

IZILO EZITYA INYAMA NOTYANI

Amaluma ama 2, ibamba eli 1, amazinyo aphambi kwemihlathi ama 2, imihlathi emi 3 kwicala ngalinye lomhlathi ongaphezulu

Amaluma ama 2, ibamba eli 1, amazinyo aphambi kwemihlathi ama 2, imihlathi emi 3 kwicala ngalinye lomhlathi ongezantsi.

IZILO EZITYA UTYANI

Azinamaluma, azinamabamba, amazinyo aphambi kwemihlathi ama 3, imihlathi emi 3 kwicala ngalinye lomhlathi ongaphezulu.

Amaluma ama 3, ibamba eli 1, amazinyo aphambi kwemihlathi ama 3, imihlathi emi 3 kwicala ngalinye lomhlathi ongezantsi.



Icwecwe Likatitshala Lookhakhayi



Ingwenkala



Imfene



Ikati yasekhayat



Inja yasekhaya



Ibhokhwe



Ihashe



Ihagu



Umntu



Igusha



Impala

Ngokusebenzisa imifanekiso engentla, qikelela ukuba isilwanyana eso sesitya inyama, sesitya utyani okanye sesitya inyama notyani. Ukwajonga ukuba akunoba nakho ukufumanisa amzinyo enzwele kanye ukusinceda silwanyana eso sibenakho ukutya kwaso.

